*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*UYapo Uhlangula Usuku*
*(Yapo Saves The Day)*
Illustrated by Liam Longland
Written by Rujeko Moyo
Designed by Benjamin Tetteh
Edited by Nabeela Kalla
Translated by Sihle Siko
with the help of the Book Dash participants in the Virtual Book Dash on 17 October 2020.

ISBN: 978-1-77623-148-5

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

UYapo uyakuthanda ukudlala ngebhola yakhe ekhatywayo!

Usoloko ezama amaqhinga okubaleka nebhola eyikhaba kancinci notata wakhe. Itsamaya, ukuteka kanti ...

UYapo liqhawe leQela leBhola labangaPhantsi kweMinyaka emi-6 iTino Football Club. Uyakhawuleza yaye ukhaphukhaphu ebaleni. UYapo ufakela iqela lakhe awona manqaku maninzi.



yapo-saves-the-day_interior.indd 10 2020/11/26 16:11

Noko kunjalo, uYapo, akathandi ukudlulisa ibhola. UMqeqeshi uTazi usoloko emkhumbuza uYapo ukuba makabelane ngebhola nabadlali beqela lakhe.

Ngenye imini, iTino Football Club yayidlala neKuma Football Club. UYapo wazama amatyeli amaninzi ukufaka inqaku kodwa iqela leKuma lalomelele kakhulu.

Ngexesha lekhefu, iKuma yayikhokhele ngo2 – 0.



UMqeqeshi uTazi wathetha kabukhali neqela lakhe, ‘Dlalani kunye kwaye dluliselani ibhola nakubani na okhululekileyo!

Yapo dlulisa ibhola!’

Kwathi xa kuqala isigaba sesibini somdlallo, uYapo wahlaliswa ebhentshini. Abeqela lakhe babezoyikisela ukudlala ngaphandle kwakhe, kodwa bakhumbula ukuba maze badlale kunye.

UNat wafakela iqela iTino inqaku lokuqala.



‘YHEEEEEH!’ zahlahlamba izihlwele.

Ngemizuzu emithathu phambi kokuba uphele umdlalo, uLindi wafakela iqela inqaku lesibini!

‘LADUMA!’ bakhwaza.



yapo-saves-the-day_interior.indd 19 2020/11/26 16:11

UMqeqeshi uTazi wabiza uYapo ukuba abuyele emdlalweni, ‘Umdlalo ngoku ngu2 – 2. Sigoduse, kwedini!

Khumbula ukudlala nabanye abadlali beqela!



ULindi wakhabela ibhola kuNat, owayidlulisela kuYapo.

UYapo wayikhupha phakathi kwabadlali ababini belinye iqela ibhola wathi xa eza kuyifaka emnatheni, wabona omnye umdlali weKuma ebaleka esiza ngakuye.




UYapo wabona uLindi elandela kufutshane, wakhumbula uMqeqeshi uTazi waza wayidlulisela kuLindi ibhola.

ULindi waguqukela ngasemnatheni, waze wayikhaba ngakumbi!

yapo-saves-the-day_interior.indd 22 2020/11/26 16:11

‘INQAKU!’ wakhwaza uMqeqeshi uTazi.

Izihlwele zeTino zahlokoma ngovuyo njengoko abadlala noLindi babaleka ukuyomanga!






UYapo wonwaba kakhulu ukuba iqela lakhe liphumelele 3 – 2. Kodwa wayenodano kuba engafakanga nqaku..

‘Ndivuyisana nani ngokubuya ngamandla kanje!’ walincumela ngolonwabo umqeqeshi iqela lakhe.

‘Wenze kakuhle, Yapo, ngokudlulisela ibhola kuLindi.’

‘Usenokuba awufakanga nqaku namhlanje, kodwa ngokuqinisekileyo uncede iqela lakho ukuba liphumelele. Wenze kakuhle, nyana!’ wancuma uTata, njengoko babehamba kunye begoduka.



